VAKALISA ULUVO LWAKHO!

ISIPHAKAMISO ESINGEZILUNGISO ZOMTHETHO KAMASIPALA WOCWANGCISO LUKAMASIPALA WESIXEKO SASEKAPA, WANGO2015

UMthetho kaMasipala woCwangciso lukaMasipala weSixeko saseKapa, wango2015 (MPBL), oquka iNkqubo yoLawulo loPhuhliso lweSixeko saseKapa (DMS) ngokweshedyuli 3, sele umiselwe kwiSixeko saseKapa ukususela ngowo1 kweyeKhala (Julayi) 2015 kwaye uye walungiswa kwizihlandlo ezimbalwa.

Kuphakanyiswe izilungiso ezingezinye kutshanje, ezijoliswe ekwenzeni izinto ezintathu ngokubanzi:

- Ukunikezela ngokusemthethweni isiphumezo esingeplani yesakhiwo sibeselubala, ngokuthi kufunwe isaziso esingesiphumezo esijoliswe kuzo zonke iplani zezakhiwo, nangokunika abamelwane abasingqongileyo ukufikelela kwiplani ephunyeziweyo yesakhiwo kunye nezizathu zoko;
- Ukuphinda kusetyenzwe kwakhona iSahluko 8A soMthetho kaMasipala, ojongene nokulungiswa kweziphumezo kunye neziphumezo ezijoliswe kwiiplani zezakhiwo, ibe yinkqubo esekelwe kwimvume exhaswa yindlela entsha yesikhalazo somntu wesithathu; kwakhona
- Kulungiswe iimpazamo, kwaye kucaciswe ngazo, amasolotya athile eMPBL kunye neDMS, kuquka amasolotya athi agcine iziphumezo ezinikezelwe phantsi kwemithetho yocwangciso yangaphambili.

Ngokwecandelo 17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 ka2000, uluntu kwakunye namaqela anomdla lunikwa ithuba lokungenisa kumasipala izimvo malunga neziphakamiso ngeli xesha lilandelayo: ngowe3 ukuya kowe17 kweyeKhala (Julayi) 2026.

Izimvo zingangeniswa nge:
I-imeyile: lums@capetown.gov.za
Webhusayithi: www.capetown.gov.za/haveyoursay

Inkcukacha ezithe vetshe, kuquka isiphakamiso esingesilungiso esingomthetho kamasipala kunye nememoradam ecacisayo ziyafumaneka apha kwa: www.capetown.gov.za/haveyoursay.

IYunithi yeSixeko ejongene neNtathonxaxheba yoLuntu iza kuncedisa abantu abangakwaziyo ukufunda okanye ukubhala, abantu abakhubazekileyo nabantu abaphuma kumaqela angathathintweni abangakwaziyo ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuze zingeniswe kwiSixeko. Qhagamshelana naba bantu balandelayo:

Ngentathonxaxheba gabalala nangamaqela angathathintweni qhagamshelana no-: Anthea Bendie ku 021 400 1450 okanye ngeimeyile kuAnthea.Bendie@capetown.gov.za.

LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO
CTA129/2025

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.